



## **Unxibelelwano oluvela kwiBhunga (intlanganiso yomhla wama- 20 ku-Juni wama-2022)**

Ibhunga leYunivesithi yaseStellenbosch libambe intlanganiso yalo yesibini kwezine ezicwangcisiweyo kulo nyaka, ngoMvulo umhla wama-20 kuJuni wama-2022. Njengoko seside saqhela, siphindile kwakhona sadibana ngokwemo yehybhridi amanye amalungu ethatha inxaxheba nge-intanethi amanye edibene ekhampasini.

NjengeNqununu kunye neSekela-Ngqonyela, uNjing. Wim de Villiers, ubhengeze, eyonanto ibalulekileyo engenakuphikisa kule kota yokubekwa ngokusesikweni kuka Justice [Edwin Cameron](#) njengeNgqonyela yethu ye-15 ngomhla we-18 ku-Meyi. Sinethamsanqa ngokwenene ukuba nomxhasi onamandla ngolu hlobo ngesidima somntu kwesi sikhundla sibalulekileyo.

Ngelishwa, nangona kunjalo, umbhiyozo wathi wagutungelwa sisiganeko esothusayo sokuchama kwi-Huis Marais kwimpela-veki edlulileyo, loo nto yabangela iintloni nentlungu kwi-yunivesithi yethu. Kwakuloo veki inye, siye sanxunguphala kakhulu kukuva ngesityholo sokudlwengula kwenye yeendawo zethu zokuhlala e-Stellenbosch.

Kwintlanganiso yethu yeveki ephelileyo, iBhunga lioxe nzulu ngale mibandela ngokuthathela ingqalelo iinkqubo zomthetho nezoluleko ezithe zavela. Abaphathi banconywa ngokuthi bachonge ikhomishini yophando ezimeleyo ekhokelwa ngu-Justice [Sisi Khampepe](#).

Kwavakaliswa ithemba lokuba siza kulisebenzisa eli thuba ukutyhila izinto zethu esingaziboniyo ukuze siphile ngokweemvakalelo ezsuka ezintliziyweni zoluntu lweYunivesithi emva kweziganeko ezingafunekiyo, oko kukuthi, "Ayisithi aba."

Kwaboniswa ingongoma ebalulekileyo yokuba iYunivesithi yaseStellenbosch ikwindawo efanelekileyo yokuqhubela phambili ukufundisa ngeenguqu kwiMfundu ePhakamileyo – ingenguye unobangela wokuba ibe iliziko elikhokhelayo kuphela, kodwa nangenxa yembali ethile yayo. Ibhunga ligqibe ekubenitukela ukusukela ngoku liqalise iintlanganiso zalo ngokuqwalasela [inkazo yembuyekezo](#) yeYunivesithi.

Sikwanike imvume yokuqhubeka ngeenguqulelo zemisitho yelogo entsha yeYunivesithi yaseStellenbosch, kwaye siyivumile iingxelo-mali yonyaka wama-2021 kunye neengxelo ezihlanganisiweyo zonyaka, samkela umgaqo-nkqubo omtsha malunga nomsebenzi wokucebisa owenziwa ngabasebenzi, sikuqaphele ukuqeshwa kwakhona kwabaphathi ababini beefakalthi , kwaye saphumeza intlawulo enye yokuxhamla kwamalungu abasebenzi.

Nceda funda iinkcukacha ezithe vetshe.

Imbuliso emihle

**Ainsley Moos**  
**USihlalo: IBhunga leYunivesithi yase-Stellenbosch**

## **Amava abafundi ngeeNguqu**

Kwingxelo yakhe yabaphathi ([klika apha](#) ukuze ufumane uxwebhu olupheleleyo, [nalapha](#) ukuze ufumane iphawapoyinti yentetho yakhe), iNqununu eliSekela-Ngqonyela, uNjing. **Wim de Villiers**, uchazele iBhunga ngeenkubo ezahlukene yo namanyathelo athatyathiweyo ukwenzela ukunceda abafundi abatsha bakwazi ukuziqhelanisa nentlalo yabo entsha. Oku kubandakanya inkubo ebanzi nepheleleyo yemfundo yokuhlala eYunivesithi i-ResEd ebizwa ngokuba ngu- "Siyakhula". Le nkqubo ibandakanya ucweyo olunentsebenziswano oluyilelw ekuvelisa kubafundi abatsha iindlela ezintsha zokusinga, nokubanceda babone ilizwe ngeembono zabanye abantu. Oku kuhambelana neqhinga elingundoqo lomxholo wokubonelela "ngamava eNguqu kubafundi".

iBhunga lamkele ngokunjalo ukwaziswa [koMqulu weeNguqu](#) liCandelo lethu leMicimbi yaBafundi, aphi sithembisa "ngokubonelela ngekhaya lokufunda kwabo bonke abantu ukuze baphumelele, baphathwe ngentloniphu kunye nobuntu".

## **iFuthe kwezeNtlalo, iNguqu kune naBasebenzi**

iSekela leSekela-Ngqonyela: iFuthe kwezeNtlalo, iNguqu kune naBasebenzi, uNjing. **Nico Koopman**, usebenzise ithuba lakhe lokunika ingxelo yonyaka ngokwazisa iBhunga malunga nenqubela kwiNguqu njengeqhinga elidibanisayo lokulwa ubuhlanga nobundlobongela obusekelwe kwisini kwiziko lethu. Ubandakanye ngokunjalo eminye imiba yepotfoliyo yakhe. [Klika apha](#) ukuze ufumane ingxelo yakhe epheleleyo, [apha](#) ukuze ufumane iphawapoyinti yentetho yakhe,okanye/ [apha](#) ukuze ufunde isishwankathelo.

## **Ingxelo ehlangeneyo yonyaka wama-2021 kune namaxwebhu engxelo-mali**

iBhunga lamkele ingxelo ehlangeneyo yonyaka wama-2021 ye-SU, kubandakanya wa neengxelo-mali zonyaka ezihlanganisiwego, ngeengcebiso zeKomiti yoPhicotho-Ncwadi noMngcipheko.

Kuqatshelwe ukuba iYunivesithi ifumene ingxelo yangaphandle yophicotho-zincwadi engenachaphaza kwingxelo-mali yonyaka ophele ngomhla wama-31 ku-Disemba wama-2021. IKomiti yoPhicotho-ziNcwadi kune noMngcipheko iqinisekise ukuba iinkqubo zangaphakathi zolawulo lwezemali ziyagcinwa kwaye akukhange kubekho ziphene ziphathekayo ekusebenzeni kwezi nkqubo apha enyakeni.

Ibhunga lamkele imeko ye-SU ebonisa ubukho bezibonelelo lavakalisa uluvo lokuba iYunivesithi ikwimeko entle kwezemali nezibonelelo ezikhoyo zokuqhubeka nokusebenza kwayo kwiinyanga ezili- 12 ezizayo.

Kwacelwa utshintsho oluncinci lokuhlelwa kwengxelo yonyaka. Olu tshintsho kwakufuneka lwensiwe phambi kokuba ingxelo namaxwebhu engxelo-mali angeniswe kuMphathiswa weMfundu ePhakamileyo, iNzululwazi neThekhnoloji ekupheleni kwenyanga ka-Juni, njengoko kufuneka.

## **Ingxelo yoPhicotho-zincwadi noKuzivavanya kweZiko**

iBhunga lamkele ingxelo yokuzivavanya equulunqiweyo ngenjongo yokuqalisa uphicotho-zincwadi lwezikoo leYunivesithi olwenziwe liBhunga leMfundu ePhakamileyo (CHE). Umjikelo we CHE' omtsha wokuqinisekisa umgangatho ufunu ukuba onke amaziko emfundu ephakamileyo enze uphicotho-zincwadi lwezikoo ngonyaka wama-2022.

Uphicotho-zincwadi lwezikoo yindlela yangaphandle yokuqinisekisa umgangatho. Injongo yalo kukuavanya ukuyondelelana kune nokusebenza kakuhle kukuqinisekisa komgangatho wangaphakathi wezikoo ekuncedeni abafundi bakwazi ukuphumelela

nokuphucula imisebenzi engundoqo yokufunda, ukufundisa, ukuphanda kanye nentsebenziswano noluntu (ifuthe kwezentlalo).

Ukuziphonononga kwethu kubandakanya ixesha elusuka konyaka wama-2018 ukuya konyaka wama-2021. Nangona kunjalo, ukubonelela ngomxholo owengezelekileyo, olunye ulwazi olusukela konyaka wama-2014 nowama-2022 lubandakanyiwe.

Ingxelo yokuziphonononga kwethu ehamba nepotfoliya yobungqina iya kungeniswa kwi-CHE ngomhla wama-30 ku-Juni, njengoko kufuneka. iYunesithi iya kuthi iphononongwe ngokuhanjelwa kwindawo yayo ngabalingane ekupheleni kwalo nyaka

### **Umrhumo wombulelo kuBasebenzi**

Njengoko besenzile ngaphambili (konyaka wama-2020), iBhunga liphumeze intlawulo enye kumalungu abasebenzi njengombulelo ngomsebenzi owenziweyo ngexesha lobunzima obuquhubekayo obubangelwe ngubhubhane wekhoronavayirasi ngowama-2021. Intlawulo yombulelo, elinganiswa ne-1% yeendleko zabasebenzi, kwiphakheyiji yenkompani iza kuhlawulwa njengenxalenye yomjikelo yomvuzo kaJuni wama-2022. ([Klik apha](#) ukuze ufumane ulwazi olwengezeleleyo)

### **UMgaqo-Nkqubo kumsebenzi wokucebisa wabucala**

iBhunga liphumeze umgaqo-nkqubo omtsha weziko ngokubhekiselele kumsebenzi wokucebisa owenziwa ngabasebenzi be-SU besenzela abaxhasi bangaphandle. Umsebenzi wabucala wokucebisa uvumelekile, kodwa uya kulawulwa ngokuhambelana novavanyo lokusebenza komsebenzi kanye nenqubo ekhoyo kwimvume yophando. Umgaqo-nkqubo omtsha uya kuqinisekisa kanjalo ukuba imirhumo yokucebisa ehlawulwa abasebenzi, iya kusebenza ngokwemiqathango yayo yonke imigaqo-nkqubo efanelekileyo yase-SU kanye nemimiselo yeNkonzo yeNgeniso yoMzantsi Afrika. Umnini mqaqo-nkqubo liSekela leSekela-Ngqonyela : uPhando, uKusungula neziFundo zaseMva kweSidanga, ngeli xesha umlawuli wezivumelwano zoPhando kwiCandelo loPhuhliso loPhando, eseberna njengomgcini womgaqo-nkqubo. Uxwebhu luya kuaphlowudwa [kwindawo yokugcina imigaqo-nkqubo](#) ngokukhawuleza okukhulu, kwaye luya kuqalisa ngomhla woku- 1 kuAgusti.

### **I-Embhem eNtsha nesincamatheli**

iBhunga livumelene ngamxhelo-mnye nge-embhem entsha nesincamatheli ukuze iYunesithi ifezekise ilogo entsha esithe sayamkela ngo-Epreli wama- 2021. I-embhlemu nesincamatheli ziyinguqulelo endilisekileyo yelogo.



*Ukusuka ekhohlo, ilogo yobuQumrhu be-SU esetyenziselwa okuqhelekileyo, ne-embhem entsha nesitywini sokusetyenziswa kwizatifikeyiti kwakuphunyelelo.*

Oku kunceda ukulungelelanisa neyuniformu, ulwakhwiwo lohlobo oluhambelanayo , nokubeka uphawu lwendawo kwinkompani yethu. Imibuzo, nceda unxibelelane neqela

eliPhawulayo leQumrhu loNxibelelwano kunye neNtengiso kule imeyile  
[branding@sun.ac.za](mailto:branding@sun.ac.za).

## **Abaphathi abaBini beefakhalthi banyuliwe kwakhona**

Ibhunga liqaphele ukunyulwa kakhona kweeNjing. **uReggie Nel noTony Leysens** njengabaphathi beefakhalthi eyakwaLizwi kunye nobuGcisa neNzululwazi yezeNtlalo ngokulandelelanayo xa ixesha labo lokuqala e-ofisini lifika esiphelweni ngomhla wama-31 ku-Okhthobha nowama-31 kuDisemba wama-2022. Usihlalo weKomiti yoNyulo oluPhezulu ukwamkele ukuqeshwa kwabaphathi beefakhalthi ababini kwakhona bafumene ngokunjalo inkxaso kwiibhodi zeefakhalthi. UNjing. Nel uya kukhonza eminye iminyaka emihlanu, yena uNjing. Leysens iminyaka emibini.

## **Amanqaku ngomntu**

### Intlanganiso yokuQala

uGqr. **Nicky Newton-King**, wonyulwe ngabanikeli be-SU ababekhona kwintlanganiso yakhe yeBhunga yokuqala ixesha lokuba se-ofisini ukususela ngomhla we-2 kuEpreli wama-2022 ukuya kumhla wo-1 kuEpreli 2026.

### Intlanganisi yokuGqibela

Ixesha lika Njing. **Eugene Cloete** lokuba se-ofisini njengeSekela leSekela-Nggonyela: uPhando, ukuSungula neziFundo ezisemva kweSidanga liya kufikelela esiphelweni ngomhla wama-31 kuJulayi wama-2022. Jonga [uNxibelelwano oludlulileyo lweBhunga](#) ngesindululo esamkelweyo sokuvuyisana noNjing. Cloete ngezihlandlo zakhe eziyimpumelelo ezimbini ezimiselweyo, nokumbulela ngomsebenzi wakhe.

UNksz **Lazelle Bonthuys**, uSekela Rejistra: iZiko leNxaso yoMsebenzi woLawulo, uyakube ethatha umhlala-phantsi ukuphela konyaka kodwa uya kuziphosa iintlanganiso zeBhunga ezimbini ezizayo ngenxa yokuba esekhefini. Usihlalo weBhunga umncomile ngendlela yokuziphatha kumsebenzi wakhe wambulela ngenkonzo yenkuthalo menyameko yeminyaka engama-36.

UMnu. **Desmond Thompson**, iNgcali ePhezulu kuNxibelelwano:ULawulo lweSigqeba, uza kuyishiya iYunivesithi ukuphela kuka-Juni wama-2022 ethabatha isihlalo kwenye indawo. iNgqonyela imbulele ngenkonzo yakhe yokuzibophelela yeminyaka eli- 12.

### Amalungu abanamaxesa abo e-ofisiniaza kuphelelwaphambi kwentlanganiso elandelayo

Ixesha lokuba se-ofisini lika Njing. **Aslam Fataar**, obenyulwe yiSineyithi kumanqanaba ayo, liya kufikelela esiphelweni ngomhla wama-30 ku-Juni wama-2022. Ngomhla we-03 kuJuni, iSineyithi yonyule uNjing. Leslie le Grange ukuzalisa esi sithuba seBhunga.

Kwakhona ixesha lase-ofisini lika Gqr. **Lihle Qulu** lifikelela esiphelweni ngomhla wama-30 kuJuni njengelungu leBhunga elonyulwa kumanqanaba ezikhundla zabasebenzi abasisigxina bezemfundo abangengawo amalungu eSineyithi.

### IIKomiti

La malungu alandelayo onyulwa kwiikomii zeBhunga ezibonisiwego:

- IIKomiti yeZidanga zeMbeko: Gqr. **Therese Fish**
- IIKomiti yokuTyumba iziDanga zeMbeko: Gqr. **Leon Schreiber**
- IIKomiti YoLwimi: Njing. **Nicola Smit** (njengelungu elonyulwe yiSineyithi ) no Mnu. Willie Liebenberg (njengelungu leBhunga elonyulwe yingqungquthela)

- Sihlalo weKomiti yoLwimi: Nksz. **Nadine Moodie**
- IKomiti yeNtlalontle nemiGaqo kuShishino : Gqr. **Nicky Newton-King** njengelungu elongezelelwego
- USihlalo weKomiti yeNtlalontle nemiGaqo kuShishino: Nksz. **Gwen Ngwenya**

#### Siyavuyisana nawe

- UGqr. **Therese Fish**, iSekela loMphathi weFakhalthi: linKonzo zeKliniki neFuthe kwiNtlalo iFakhalthi yaMayeza neNzuluwazi yezeMpilo yase-SU, ufumene isidanga sobuGqirha kuLawulo loShishino (DBA) kuLawulo lweMfundu ePhakamileyo kwiYunivesithi yaseBath, e-United Kingdom, ngomhla we-11 ku-Juni. Unaso nesidanga se MBChB kwiYunivesithi yaseKapa kanye ne-MBA kwiYunivesithi yaseStellenbosch Business School.
- UNksz. **Ziyanda Stuurman**, obesakuba ngumfundu oyinkokheli e-SU osebenza kwiBhunga njengomtyunjwa woMphathiswa weMfundu ePhakamileyo iNzululwazi neThekhnoloji, ufumene isidanga seMastazi kwiYunivesithi - Brandeis e-United States. Ukwanoaso nesidanga seMastazi asifumene kwiYunivesithi yase-Sussex, e-United Kingdom, kanye nezidanga ezibini azifumene e-SU – i-BA kwiziFundu zaMazwe ngaMazwe ne-BA Honours kwiNzululwazi yezoPolitiko
- UGqr. **Lihle Qulu**, umhlohloli oPhezulu e-SU kwiCandelo leFiziyoloji kuNyango loPhando ebemandula ukuwongwa ngesibonelelo esiyi-Early Investigator's Programme liBhunga loPhando kuNyango loMzantsi Afrika. uQulu, onesidanga sobuGqirha kwi-Neuroscience kwiYunivesithi yakwaZulu -Natal, uphanda ngezinto eziphembelela ubundlobongela kwezesondo emadoden.

#### **INTlanganiso elandelayo**

Intlanganiso elandelayo yeBhunga icwangciselwe umhla wama-**26 kuSeptembha wama- 2022**.